



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2012

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO – P1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi – 7.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****1.1 ISICATSHULWA A****UKWANELISEKA**

- 1.1.1 Ukwaneliseka kukungakruthakrutheki yimeko okuyo. (1)
- 1.1.2 Kubonakala ngokuba umntu lowo angambombi kwaye angabeki tyala mntwini. (2)
- 1.1.3 Hayi, umntu kufanele azame ukuyiphucula imeko yakhe. (1)
- 1.1.4 Banqwenela ukuba bebenomsebenzi ongomnye kunalowo bawenzayo/okanye oyindoda abenomfazi ongenguye lo anaye nababhinqileyo ngokunjalo./Banqwenela ukuba babenomzi ongomnye ongenguwo lo bakuwo. (1)
- 1.1.5 Kufuneka siqonde ukuba kukho izinto ezingaphaya kwamandla ethu ukuba singaziguqula. (1)
- 1.1.6 Kufanele siyixakekise ingqondo yethu ngezinto eziluncedo ezinokuba semandleni ethu. (1)
- 1.1.7 Siphela sikhathazeka kangokuba singabi savuyela nezinto ezisivuyisayo singaboni neentsikelelo ezisingqongileyo. (1)
- 1.1.8 Ngumnqweno ongalawulekiyo wobunye ubunewunewu phezu kobunye. (1)
- 1.1.9 Lo mntu unentabalala yobutyebi uvumela usizi lusibekela imihla yobomi bakhe ngesithokothoko sobumnyama. Lo ungenanto uhlala enovuyo ngaphakathi imihla ngemihla. (2)
- 1.1.10 (a) bazibeka elusizini bezihlaza bezihlazisa bona neentsapho zabo. (2)
(b) baye baguqukele kwiziyobisi, ukanti abanye bazixhome. (2)
- 1.1.11 Kusenganyanzeleka ukuba anyamezele iimeko zasemsebenzini ezikubangela isingqala ngaphezu kweziya zokushiy'isikolo/ usengancama waneliswe ngumsebenzi ongahlawuli ngokwaneleyo. (2)
- 1.1.12 ANCYL/a (1)
- 1.1.13 Ndiyachasa alwaneliseki kangangokuba luphela lugxuphuleka kwipolitiki luselula kakhulu. (2)
- 1.1.14 Ithemba alibulali koko liyadanisa./Kubulala ubungxamo. (1)

- 1.1.15 Uvumela ububi bugqume imihla yobomi bakho ngentsunguzi yobumnyama kungabikho kukhanya nankqubela phambili. (2)
- 1.1.16 Ndingasebenza nzima / Ndingancama ndoneliswe koko ndikufumeneyo. (1)
- 1.1.17 Uthi umbhali ukuba umntu wanelisekile uchitha ixesha namandla esenza izinto ezikhayo nezibalulekileyo/Abantu mabazifundise ukwanela koko banako. (2)
- [24]**

1.2 ISICATSHULWA B

- 1.2.1 Mithandathu (1)
- 1.2.2 Indlovu (1)
- 1.2.3 Igazi elaphalalayo labantu beli lizwe besilwela inkululeko. (2)
- 1.2.4 Bubuxoki liqela leqakamba laseMzantsi Afrika. (2)
- [6]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- Amanqaku ama-3 olwimi.
Amanqaku ewonke: 10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:

- 1 – 3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4 – 5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
- 6 – 7 amanqaku achanekileyo.

Ngokwezivakalisi, masithungelane siyondelelane

Qaphela:**Ifomathi:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

Ubalo-magama:

Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.

Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama alibhalileyo alichanekanga.

Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

UDLOMDLAYO:

- Udlomdlayo ungumhlobo obungabonakaliyo ubungozi bakhe.
- Akanqweneleli mntu mpumelelo into ayifunayo kukubhubhisa abulale.
- Izilumko ziyasinda kulo mgibe kaDlomdlayo.
- Baninzi abantu abafunyenwe bezidumbu bebulawa butywala.
- Utywala budala intlungu emakhayeni, imitshato iyaphela.
- Abantwana baphelela ezitalatweni ngenxa yabazali abalawulwa butywala.
- Abanye abantwana abakwazi ukufumana ithuba lokufunda nangona bekrelekrele ngoba abazali basela bangazazi.
Lo monakalo wenziwa butywala uyabonwa kodwa abathengisi, oonomathotholo, noomabonakude basabupapasha njengento elungileyo.

OKANYE

UDlomdlayo ungumhlobo obungabonakaliyo ubungozi bakhe.
Akanqweneleli mntu mpumelelo into ayifunayo kukubhubhisa abulale.
Izilumko ziyasinda kulo mbulali unguDlomdlayo. Baninzi abantu abafunyanwa bezizidumbu bebulawa butywala.
Utywala budala intlungu emakhayeni, imitshato iyaphela.
Abantwana baphelela ezitalatweni ngenxa yabazali abalawulwa butywala.
Abanye abantwana abakwazi ukufumana ithuba lokufunda nangona bekrelekrele ngoba abazali basela bangazazi.
Lo monakalo wenziwa butywala uyabonwa kodwa abathengisi, oonomathotholo, noomabonakude basabupapasha njengento elungileyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

- 3.1 SisiNgesi (1)
- 3.2 (a) NgabeTswana
(b) Zilishumi elinanye/11 (2)
- 3.3 KwaZulu Natal nase Gauteng. (2)
- 3.4 Nangona (1)
- 3.5 Ulwimi- ilungu lomzimba.
Ulwimi- umntu othetha izinto zabantu engazithunywanga. (2)
- 3.6 Umzuzwana (1)
- [9]**

UMBUZO 4

- 4.1 Isiyaleli/Isenzi esikuhlobo lokuyalela. (1)
- 4.2 Lakho/ezimbini-isiphawuli/lwethu/asesibayeni-isimnini. (1)
- 4.3 ukuphuphuma (1)
- 4.4 Usisinhanha esingawothiyo. (1)
- 4.5 Ancamise ngencasa. Antubululu yingqaka. (1)
- 4.6 Umondli (1)
- 4.7 Intlutha lilungelo lakho, ukondla luxanduva lwethu. (1)
- 4.8 Useva ubumnandi bethamo lokuqala. (1)
- 4.9 Ijavu-javu/imbi. (1)
- 4.10 ehlotyeni / ekwindla. (1)
- 4.11 Isinhanha esingawothiyo umlilo – Isaci. (2)
- 4.12 yintloya (1)
- 4.13 Esicikweni – esendawo. (2)
- 4.14 A Igatya eliyintloko – Bayafuna ukuwatya amasi.
B Igatya lolwalamano – kuloko banqatyelwe yinyama. (2)
- 4.15 UDobo uthe ebantwaneni bakhe, intlutha lilungelo labo ukanti ukondla lilungelo lakhe. (2)

- 4.16 bubuhlanti (1)
- 4.17 Isibayiyo (1)
- [21]

UMBUZO 5

- abanintshi – abaninzi
- yesishumi – yeshumi
- bayahlangabezwa – bayahlangatyezwa
- kwabazali – ebazalini/kubazali
- unongqayi – UNongqayi
- zayesiya – wayesiya
- kukhamlela – kukhawulela. [7]

UMBUZO 6

- 6.1 Inkqayi ingena ngentlontlo.
- 6.2 Ubuso bendoda zinkomo.
- 6.3 Akukho mlanjana ungagqumiyo. [3]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80